ISIFUNDO

Yohane: 2: 13-22

Yayikufuphi ke ipasika yamaYuda; wenyuka uYesu waya e Yerusalem. Wabafumana etempileni ababethengisa ngeenkomo nezimvu namahobe, nabananisa ngemali behleli. Wenza iziniya ngemizi, wabakhupha bonke iziniya ngemizi, wabakhupha bonke etempileni, kwanezimvu neenkomo; wayiphalaza imali yabananisi, wazibhukuqa neetafile; wathi nakwabo bathengisa ngamahobe, ezi zinto zisuseni apha; musani ukuyenza indlu kaBawo indlu yokuthengisela. Bakhumbula ke abafundi bakhe ukuba kubhaliwe kwathiwa, Ukuzondelela indlu yakho kundidlile Kanye. Aphendula ke ngoko ama Yuda, athi kuye, Usibonisa mqondiso mni na, uzenza nje ezi zinto? Waphendula uYesu wathi kubo, Yichitheni le tempile, mna ke ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu. Athi ke ngoko ama Yuda, Yayiminyaka imashumi mane anesithandathu nje isakhiwa le tempile, ke wena woyivusa ngeentsuku ezintathu na? Yena ke wayethetha ngetempile yomzimba wakhe. Ke ngoko, xenikweni wavukayo kwabafileyo, bakhumbula abafundi bakhe, ukuba ebekuthethile oku kubo, bakholwa sisibhalo nalilizwi awalithethayo uYesu.

IMPENDULO

Indlu yakho , Nkosi iyakusoloko iyindawo engcwele.
Impendulo: Indlu yakho, Nkosi iyakusoloko iyindawo engcwele.

Udumiso malube ku Yise, naku Nyana, naku Moya oyingcwele,- **Impendulo**

UMBONGO KA MARIYA

Ant: Nonke nina enithanda I Jerusalem, yivuyeleni ngonaphakade.

Umphefumlo wam uyenza nkulu iNkosi,
Nomoya wam ugcobile ngo Thixo uMsindisi wam.
Ngokuba wakukhangela ukuthobeka komkhonzazana wakhe;
Kuba uyabona ziya kuqala kwangoku ukuthi ndingonoyolo zonke izizukulwana.

Ngokuba wandenzela izinto ezinkulu uSomandla;
Lingcwele igama lakhe.
Yaye inceba yakhe ikwizizukulwana ngezizukulwana
Kwabo bamoyikayo .

Wenze amandla ngengalo yakhe,
Wabachithachitha abanekratshi ekucingeni kweentliziyo zabo.
Wabawisa abanamandla ezitroneni zabo,
Wabaphakamisa abathobekileyo.

Wahluthisa abalambileyo ngezinto ezilungileyo;
Wabandululula abazizityebi belambatha.
Wasiza uSirayeli umkhonzi wakhe,
Ngokukhumbula inceba yakhe;
Njengoko wathethayo koobawo bethu.

Udumiso malube…

Ant: Nonke nina enithanda I Jerusalem, yivuyeleni ngonaphakade.

IZICELO

Umsindisi wethu wanikela ngobomi bakhe, ukuze bonke abantwana baka Thixo abathe saa babuyele ndawonye. Kwintswelo zethu, sikhala sisithi:
Impendulo: *Khumbula ibandla lakho,Nkosi*

Nkosi Yesu, ibandla lakho walwakhlela phezu kolwalwa, - qinisa ibandla lakho ngokholo olungapheliyo. **Impendulo**

Nkosi Yesu, igazi na manzi ampompoza ecaleni lakho, - nika ubomi okubutsha ibandla lakho nge sakramente yomqophiso wakho omtsha ongapheliyo.**Impendulo**

Nkosi Yesu, walungiselella indawo yokuhlala endlwini kaBawo wakho usenzela bonke abakuthandayo,- nceda ibandla lakho likhule eluthandweni lwakho.**Impendulo**

Nkosi Yesu, awugxothi mntu ofuna ukuza kuwe, - vula amasango endlu ka Bawo kwabo abangasekhoyo. **Impendulo**

Bawo wethu……..

UMTHANDAZO

Thixo Bawo wethu,
Wabakhetha abantu bakho kumatye aphilayo,
Wabakhela itemple engunaphakade ngozuko lwakho.
Zalisa izipho zomoya oziphe ibandla lakho, khona ukuze abantu bakho abathembekileyo basondele kwi Jerusalem entsha engunaphakade.
Oku sikucela ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu unyana wakho, ohleli elawula kunye nawe no Moya Oyingcwele , uThixo emnye, ngona phakade kanaphakade.
Amen.